

NDINGUMBALA wobusi




Caroline Faysse • Maïmouna Jallow • Charné Casey

NDINGUMBALA wobusi

Le ncwadi yeka







Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.

Ndingumbala wobusi

Original title: *I'm the colour of honey*

Illustrated by Caroline Faysse

Written by Maïmouna Jallow

Designed by Charné Casey

Edited by Alison Ziki

Translated by Sihle Siko

with the help of the Book Dash participants in Johannesburg on 26 October 2019.

ISBN: 978-1-77623-045-7

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (<http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.

No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.

Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.

No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

NDINGUMBALA wobusi



Caroline Faysse • Maïmouna Jallow • Charné Casey



Igama lam nguAmanda.
Ndihlala noMama wam
noTata wam kunye nenja
yam uPorsha.


UTata wam uthi ndingumbala
wobusi.

UMama wam uthi ndifana
nobuhle bentshonalanga.





Kodwa andifani naye namnye
kubo. NguPorsha kuphela
ontsundu njengam!



Xa siphumile
abanye abantu
bayasiqwalasela,
okanye basibuze
imibuzo emininzi.



“Ingaba nguDadobawo wakho lo?” uyabuza umama osevenkileni.



“Hayi!
nguMama wam!”

“Ingaba nguTitshala wakho lo?” uyabuza utata osepakini.



“Hayi!
NguTata wam!”



“Kutheni ungafani
nabo nje?”

**“Kuba ndingumbala wobusi
ndaye ndifana nobuhle
bentshonalanga.”**





“Kodwa uTata wakho ufana nesibhakabhaka ebusuku,” utsho umama osevenkileni.

“Waye uMama wakho umhlophe okwamaphepha angabhalwanga encwadini,” utsho utata osepakini.



“Kutheni
nibonakala
nohluke
kangaka?”





Ngosuku olulandelayo
ndisongela itawuli entloko ndize
ndiyijiwuzisa njengoko uMama
esenza ngeenwele zakhe.

“Ingaba nguDadobawo wakho lo?”
uyabuza umama osevenkileni.

“Hayi, nguMama wam!”

Ndiyabaleka ndigoduke ndithathe
ipeyinti emnyama. Ndiyiqabe
ebusweni.



“Uyiqabe kakuhle ipeyinti ebusweni!”
utsho utata osepakini. Ukhomba uTata
abuze, “Ingaba ngutitshala wakho lo?”

**“Hayi,
nguTata
wam!”**

linyembezi zam
zihlamba ipeyinti
isuke.




“Kutheni ndingafani nani mama notata?”

“Amanda ndibonise olwaa ncumo olufana nolukaTata wakho.”

Andiziva ndifuna ukuncuma.

“Yhini wethu Amanda, jonga ituma lakho. Lihle kakhulu lifana nelikaMama wakho!”




UMama noTata bandenza
ndincume. Ndaye nam
ndiyabancumisa.

**“Jongani!” nditsho,
“Amazingo am amhlophe
njengawenu.”**

“Ewe, nentliziyo yakho
ibomvu njengezethu.”





Uyimibala emingaphi?

